basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

XHOHL.2

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

FEBRUWARI/MATSHI 2011

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha angama-24.

MORNING SESSION

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha

WESTERN CAPE

Tyhila iphepha

IMIYALELO NENGCACISO

1. Nceda ufunde le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uqale ukuphendula imibuzo.

2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha. Jonga kwisiqulatho esikwiphepha elilandelayo uze uchonge imibuzo ebuzwe ngeetekisi ozifundisiweyo kulo nyaka. Emva koko yifunde le mibuzo uze ukhethe leyo unqwenela ukuyiphendula.

3. Eli phepha LINAMACANDELO amaTHATHU:

   ICANDELO A: Isihobe (30)
   ICANDELO B: Inoveli (25)
   ICANDELO C: Idrama (25)

4. Landela imiyalelo esekuqaleni kwicandelo ngalinye ngocoselelo.

5. Kulindeleke ukuba uphendule IMIBUZO EMIHLANU iyonke:

   Imibuzo emithathu KWICANDELO A; omnye KWICANDELO B nomnye KWICANDELO C. Sebenzisa uluhlu lokukhangela (itshekhlisti) olukwiphepha lesine lokukunceda.

6. Nombola iimpendulo zakho ngokwendlela ekunonjolwe ngayo imibuzo kwiphepha lemibuzo.

7. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

9. Yaba ixesha lakho ngolu hlobo:

   ICANDELO A: Malunga nama-40 emizuzu
   ICANDELO B: Malunga nama-55 emizuzu
   ICANDELO C: Malunga nama-55 emizuzu

IPHEPHA LESIQULATHO:

Eli phepha liza kunceda abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abafuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

ICANDELO A: ISIHOBE **Imibongo emiselweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo emiBINI.**		
INANI LOMBUZO	**UMBUZO**	**AMANQAKU**
1 Umona	Umbuzo omde	10
	OKANYE	
2 Umbambushe	Umbuzo omfutshane	10
	OKANYE	
3 Isiyobisi	Umbuzo omfutshane	10
	OKANYE	
4 Ukufa	Umbuzo omfutshane	10
	KUNYE **Umbongo ongamiselwanga: Phendula nawuphi umbuzo omNYE.**	
5 Ubomi Yimo Yezulu	Umbuzo omde	10
	OKANYE	
6 Umbutho	Umbuzo omfutshane	10
ICANDELO B: INOVELI **Phendula umbuzo omNYE.***		
7 *Nyana Wam! Nyana Wam!*	Umbuzo omde	25
	OKANYE	
8 *Nyana Wam! Nyana Wam!*	Umbuzo omfutshane	25
	OKANYE	
9 *Ukhozi Olumaphiko*	Umbuzo omde	25
	OKANYE	
10 *Ukhozi Olumaphiko*	Umbuzo omfutshane	25
	OKANYE	
ICANDELO C: IDRAMA **Phendula umbuzo omNYE.***		
11 *Amaza*	Umbuzo omde	25
	OKANYE	
12 *Amaza*	Umbuzo omfutshane	25
	OKANYE	
13 *A-a-a! Jongumsobomvu!*	Umbuzo omde	25
	OKANYE	
14 *A-a-a! Jongumsobomvu!*	Umbuzo omfutshane	25

***QAPHELA: KUMACANDELO B no-C, phendula umbuzo OMDE OMNYE nombuzo OMFUTSHANE OMNYE.**

ULUHLU LOKUKHANGELA (ITSHEKHLISTI)

Kunyanzelekile ukuba uqwalasele olu luhlu lulandelayo ukuze uqinisekise ukuba ukhethe imibuzo ngendlela eyiyo.

ICANDELO	AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO	TIKISHA NGASEZANTSI
A: Isihobe (Imibongo emiselweyo)	1 – 4	2	
A: Isihobe (Umbongo	5 – 6	1	
B: Inoveli (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	7 – 10	1	
C: Idrama (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	11 – 14	1	

QAPHELA: KUMACANDELO B no-C, phendula umbuzo OMDE UBE MNYE nombuzo OMFUTSHANE OMNYE.

ICANDELO A: ISIHOBE

VUKANI MADODA KUSILE

IMIBONGO EMISELWEYO

IMIYALELO

Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo eziNE ezimiselweyo neziBINI ezingamiselwanga.

Umlingwa ulindeleke ukuba aphendule imibuzo ebuzwe kuyo **nayiphi** na imibongo okanye **naziphi** na izibongo ezimiselweyo; KUNYE nombuzo OMNYE kwimibongo okanye izibongo ezingamiselwanga.

QAPHELA: Umbuzo ongombongo ongamiselwanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhethe imibuzo emiTHATHU kweli candelo.

Ubude bombuzo omde buphakathi kwama-190 nama-240 amagama.

UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)

Fundisisa lo mbongo ulandelayo, wandule ukucazulula intsingiselo yawo usebenzise amazwi akho.

UMONA – MEM Nyoka

Hayi esi sifo umona!
Sitsh'umzimb'utyatyambe,
Lo mkhuhlan'ud'uthathambe
Iliso, oozintliziyo
Zonk'ezi zinto ziqaqambe
Asinagqirha ngakhe lisinyange,
Ngab'isihogo singacima sibande.

Lo mf'umona livukuvuku
Intliziyo yakh'inembudumbudu
Kalok'umniniwo libhontshobhontsho
Ndith'umxhel'udlavuke udlakadlaka
Ndithi ke lelo niva leyakayaka
Owu umona! Hay'umona.

Mfondini wakubo, uyagula,
Kanene uthi ndiyaqhula,
Zivuthulul'uzibhenc'uzijonge,
Andidlali mna ndisitsho nje,
Suk'ukuhlek'ungqetha-ngqethe
Ndiyindod'aph'efa kade,
Kodw'esi sifo sakho siphandle,
Mus'usondl'usondl'usonge,
Sovuka ngeny' imni sikuqwenge
Nyeke silonda!! Koze kube nje!

24 Le nyoka ke ndiyayazi,
25 Izikhahlele yagqib'izizwe
26 Nantso e-Afrika namhla, Khawuve!
27 Izika nje le nqwelo uthi lubimbi na?
28 Yatshitshiliza nje kodwa yintoni na?
29 Akumazi na wen'uBhuqaqengqe?
30 Yindod'inye leyo mandikuxelele;
31 Lo mfo mbi nokuba sehombile
32 NguMona igama
33 Igama lengqesho yakhe.

34 Siphe siphe, Bawo Mhlekazi!
35 Sibuchas'ubudlelwane nale njubaqa
36 Siyigeqe kumagoqo othando nenyaniso
37 Kuphil'iliso,
38 Kuphile esi sifo neengxwelerha zaso
39 Kuphil'umntu, kuphil'isizwe
40 Kuphil'abantu kunye neentlanga
41 Zide izizwe zibe moya mnye
42 Zambathisane ngobunye noxolo
43 Kulawul'uthando, ubulungisa nobunye. **[10]**

OKANYE

UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Fundisisa lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

UMBAMBUSHE – SEK Mqhayi

1 Lala njalo ke, Mbambushe,
2 Ndun'enkul'akulo Ntlushe.
3 Amabhong'uwafezile
4 Bonk'ubuntu ubugqibile.

5 Ubuyinja ngokudalwa,
6 Ngokuvela, nokuzalwa;
7 Ubungumntu ngokondliwa,
8 Ngokongama, nokoyikeka;

9 Ubunalo ithamsanqa-
10 Neziny'izinja **zakhamnqa-**
11 Lokunyuswa ngokaMlawu,
12 Akwenze ube sisigcawu,

13 Akonanga; wonakele
14 Loo nyanis'ibonakele.
15 Kone iziphathamandla,
16 Zakutyhefa, zakuphandla.

17 Akonanga nto kaMlawu,
18 Ngokwenza loo mzekelo.
19 Eli qhina linengozi,
20 Ziwa kulo zonk' iinkosi.

21 Iimbali zibalisiwe,
22 Iincwadi sifundisiwe,
23 Le nyaniso iyatyandwa-
24 Inkos'ifa ngezithandwa:

25 Izithandwa zabumini,
26 Ezinobunginingini;
27 Ezithetha kom'amathe,
28 'Ze ngokuhlwa ziyizonde.

29 Namhla siseBritani,
30 Kumz'omkhulu woKumkani;
31 Kant'uMbambush' usahleli,
32 Usalawula emandleni.

33 Mhla mnye woze anyalase,
34 Isifuba ahlasele.
35 Loo mini ke yoz'iNkosi,
36 Yenzakale yiloo ngozi.
37 Hinani, mafanankosi!
38 Hinani, mafanankosi!
39 Nibuye umva ngaliphi na,
40 Nenjenje nj'inja? Yini na?

2.1 Igama u-'Lala' ekuqaleni kwesitanza sokuqala kumqolo woku-1 kulo mbongo lithetha:

A Ukulala obentlombe
B Ukufa
C Ukuzilalisa (1)

2.2 Kwisitanza sesibini uMbambushe ubonakala enamacala amabini. Wabhale. (2)

2.3 Nika intsingiselo yegama **'zakhamnqa'** elikumqolo we-10. (1)

2.4 Uthetha ukuthini umbhali xa esithi, 'Akwenze ube sisigcawu' xa abhekisa kuMbambushe? (2)

2.5 Chonga umqolo okwisitanza sesi-5 kulo mbongo obonisa ukuba okaMlawu yinkosi. (1)

2.6 Umqolo wama-27 okwistanza sesi-7 usetyenziselwe ukuphuhlisa ntoni ngumbhali? (1)

2.7 Umbhali usebenzise uphinda-phindo kwimiqolo yama-37 kunye nowama-38. Nika injongo yoko ibe nye. (1)

2.8 Safobe sini esisetyenziswe yimbongi kumqolo wama-40 kulo mbongo? (1)
[10]

OKANYE

UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Fundisisa lo mbongo ulandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISIYOBISI – IV Mtamzeli

1 Ngumkhwa ombi obhexeshwa lubaxo;
2 Umkhuba weenkan' othethis' imbanxo.
3 Uqalwa kancinci kanti ngumlibe.
4 Uyoba ntlandlolo sikutsho ujube.
5 Iyolisa – mxhelo kub' iqalwa ngendlalo.
6 Ubong'abazal' abakuzisa kule ndalo.

7 Kumnandi kunjalo kuba siyakhuthaza.
8 Siyole luncuthu nangona sikhuthuza.
9 Asizi simahla sigrumb'engxoweni.
10 Siwutheze nomzi kunga kusenxiweni
11 Singaye akaboni bubi kuba seletyile.
12 Benjenjal' emyezweni kanti bazityhilile.
13 Sisiyobisi eso ikhwekhwe ndikrwempe.

14 Butywala ke obo buza noyayatheko.
15 Ngundoqo womya odal' isiqhazolo-
16 Isif' esibangwa kukuthabatheka-
17 Sikutyhulubis' uhamb' ubetheka-
18 Kube lisikizi kwaneentsizana.
19 Kube linyumnyezi lenz'amamunyumenye.
20 Ngengoms' uyaxox' awazi nob' ibenye.

21 Yini na mzi kaNtu, kufunzelwe phi na?
22 Asazi na yintlonipho leyo kwaXhosa?
23 Eziselwayo liyeza kwabadal' emaXhoseni.
24 Eziqhum' ingca ligwada lentloko kubaThwa.
25 Bazixuba njani na mawethu abasemzini?
26 Ichitheke phi na mzi kaNtu ingath'ifun'ukubuthwa nje?

3.1 Gqibezela esi sivakalisi silandelayo ngokufakela eyona mpendulo ichanekileyo kwezi ezilandelayo:

Isiyobisi ...

A sisiselo esimnandi esingenabungozi.
B yikhemikhali ethi iphazamise ukusebenza kwengqondo xa isetyenziswe kakubi.
C ngumxube wezakhi mzimba zokuzonwabisa. (1)

3.2 Kwisitanza soku-1, chonga umqolo obonisa ukuba awusakwazi kusiyeka isiyobisi xa uthe waqalisa ukusisebenzisa. (1)

3.3 Uthetha njani umntu osebenzise iziyobisi ngokwembongi okanye ngokombongo? (1)

3.4 YINYANI okanye BUBUXOKI ukuba isiyobisi simnandi nangona sigqiba imali. Xhasa impendulo yakho ngokuthi uchonge umgca obonisa oku kwisitanza sesi-2. (2)

3.5 Xela isafobe esisetyenziswe kumgca we-10 ucacise ukuba siphuhlisa ntoni. (2)

3.6 Xela iindidi ezimbini zeziyobisi ezikhankanywe kwisitanza sesi-3. (2)

3.7 Hlobo luni lwesafobe oluboniswa yile migca ingezantsi?

Eziselwayo liyeza kwabadal' emaXhoseni.
Eziqhum' ingca ligwada lentloko kubaThwa. (1)
[10]

OKANYE

UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Fundisisa esi sicatshulwa silandelayo sombongo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

UKUFA – LS Ngcwabe

1 Lifukazi eligqum' umhlaba,
2 Wen' uphaphazela emoyeni,
3 Wen' udada emanzin' olwandle,
4 Wen' uzula-zul' emahlathini,
5 Wen' ugush' ingcwaba,
6 Wen' unxib' iintsizi,
7 Wen' uthwel' iintlungu!
8 Wen' ungena phi naphi naphi na,
9 Wen' uhlinza-hlinza njalo-njalo,
10 Ndutyumbana yesirhovu-rhovu,
11 Gelekeqe-geqe-geqe-geqe!
12 Ginyi-ginyi-ginyi,
13 Ginyi-ginyi-ginyi!
14 Ginyi-ginyi-ginyi!

15 Lemb' igqirh' iingcambu zathi shwaka,
16 Yayikhul' incwina egumbini,
17 Yayingen' iphum' ihlunguzela,
18 Imilowo kwanamagqobhoka;
19 Kwaneenyembezi
20 Azafeza lutho,
21 Kuf' akunanceba!

22 Bendisithi wakha wathandazwa;
23 Bendisithi wakha walulekwa;
24 Bendisithi wakha wakhalinyelwa;
25 Ngathi nkqu noYesu wamoyisa.
26 Kufandin' akuva,
27 Kufandin' akufi,
28 Kufa uneenkani!
29 Ho-o-o-o-o-o-o-o-yina!!!!

4.1 Umqolo woku-1 kwisitanza soku-1 kulo mbongo uphuhlisa ntoni ? (1)

4.2 Nika intsingiselo equlathwe yimiqolo yesi-5, -6 nowe-7, kwisitanza soku-1 kulo mbongo. (1)

4.3 Uphindaphindo olusetyenziswe kumqolo we-12, -13 nowe-14 lunika umfanekiso-ntelekelelo wantoni? (1)

4.4 Caphula umqolo kwisitanza sesi-2 kulo mbongo obonisa ukuba ikho imizamo ethi yenziwe ukuzama ukuphilisa lowo ugulayo ekhaya. (1)

4.5 Nika isafobe esisetyenziswe ngumbhali kumqolo we-17, uze uxele ukuba siphuhlisa ntoni. (2)

4.6 Ngqamanisa ukubaluleka kwaba bantu babini badweliswe KWIKHOLAM A ngokwemisebenzi yabo edweliswe KWIKHOLAM B ngokwalo mbongo ungasentla.

KHOLAM A		KHOLAM B
4.6.1	Amagqobhoka	A baze kucenga abaphantsi/abadala abangasekhoyo ukuba bakukhalimele ukufa okungathi kwehle kwelo khaya
4.6.2	Amagqirha	B kukuzisa imithandazo yokucenga uThixo ukuba enze ngenceba yakhe asinde ogulayo kwelo khaya
		C kukuza kunyanga umguli ngamayeza khon'ukuze asinde kwingulo yakhe

(2)

4.7 Khetha eyona njongo ichanekileyo yokusetyenziswa kwesimamva u-**ndini** kwigama **'Kufandini'** kwezi uzinikiweyo ngezantsi.

A kukubonisa ukuba uyakuhlonipha ukufa.
B kukubonisa ukuba ukruqukile kwaye uyakunyemba ukufa.
C kukubonisa ukuba uyakoyika ukufa. (1)

4.8 Chonga umqolo obonisa ukuba lo ngumbongo womthonyama kwisitanza sokugqibela? (1)

[10]

KUNYE

WESTERN CAPE

UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)

IMIBONGO ENGAMISELWANGA

Fundisisa lo mbongo ulandelayo, wandule ukucacisa indlela ezakheke ngayo izitanza ukuphuhlisa intsingiselo yawo usebenzisa awakho amazwi. Bhala phantsi kwesihloko esithi: Intsingiselo yombongo.

UBOMI YIMO YEZULU – IV Mtamzeli

1 Yimbangi yokwalanywayo.
2 Ngumthululi wokunkentezayo.
3 Ndlela zininzi yinyambalala.
4 Ubomi buponi kwezal'iindlela.
5 Zimbini kuphel'azingakanani.
6 Ngoobabini benguqulelo.

7 Indalo ncakasana yimveliso yabo.
8 Ezi ndlela zimbini zintlantlombini.
9 Emfutshan'ayiqulethe buhle.
10 Umtyungaty' uthwel'okungatshitshiyo.
11 Umbuzo umi: ukheth'eyiphi wena?
12 Okuze lula kofumbath'umzuzu.

13 Ngoobabin' abapheth' umxhino?
14 Ngooban' abafumbeth' utyefezo?
15 Okuze ngesitya kotshabalala.
16 'Kuze ngamathontsi kozinza.
17 Masingahambi ngesaphulelo;
18 Sikuthambel' okuyintsokolo.

19 Ubomi yinguqu-nguqu.
20 Ulal' unolutho uvuk' uludwayi.
21 Emhlaben' akukho simakade.
22 Xhoba ngako konke kweli phakade. **[10]**

OKANYE

WESTERN CAPE

UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Fundisisa lo mbongo ungezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

UMBUTHO – N Tutani

1 Laliyingqantsini elaloo mini ndibile ntsi,
2 Ndee vu, ndabek'ubilo phantsi.
3 Zazilaph'izidwangube zakwantaka,
4 Iingcungcu ezimilomo mide zitakataka,
5 Zimfimfitha ngokudlisela kwezoo ntyatyambo,
6 Ezazithe qhashi ngakuloo mlambo.
7 Kwakuxokozelwa lelakwantaka kuyimbutho,
8 Ilanga lentwasahlobo lizikhangele,
9 Zakunxanwa ziqabula kulo mlambo zibuyelele.
10 Kwakuxoxwa; ivumile loo mini kuzo,
11 Loo mzuzu kuzo kuyinzuzo,
12 Wakukhovwa ukusekwa umbutho kuloo ntlanganiso,
13 Okahlungulu wayivala ngomthandazo.

6.1 Chonga umqolo obonisa ukuba lalitshisa kakhulu ngale mini yentlanganiso. (1)

6.2 Khetha eyona mpendulo ichanekileyo yentsingiselo yamagama alandelayo:

izidwangube, iingcungcu achaza

A Abantu abangento abahluphekayo.
B Abantu abakhulu nabahloniphekileyo.
C Iinkosi zabantu ababeze kubukela. (1)

6.3 Xela ukuba esi sifanekisozwi sikulo mqolo ungasezantsi, sibhalwe ngqindilili siphuhlisa ntoni ngendlela esisetyenziswe ngayo.

Ezazithe **qhashi** ngakuloo mlambo. (1)

6.4 Sasonwatyiswe yintoni isizwe sakwantaka ngale mini? (1)

6.5 Nika intsingiselo yegama 'ziqabula' elikumqolo we-9 . (1)

6.6 Yintoni injongo yombhali ngokusebenzisa 'imfano-zandi' kulo mqolo ulandelayo?

'Loo mzuzu kuzo kuyinzuzo' (1)

6.7 Chonga umqolo ophuhlisa ukuba kwakuzokumiliselwa umbutho weentaka. (1)

6.8 Khetha esona safobe sichanekileyo kwezi esiphuhliswa ngulo mqolo ulandelayo:

'Okahlungulu wayivala ngomthandazo.'

A Sisikweko
B Sisimntwiso
C Sisifaniso (1)

6.9 Wawunjani umoya wentlanganiso yezilwanyana kulo mbongo? (2)
[10]

AMANQAKU ECANDELO A: 30

WESTERN CAPE

ICANDELO B: INOVELI

IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe iinoveli ezimbini.
- Khetha imibuzo kwinoveli oyifundisiweyo.
- Kwinoveli NGANYE kubuzwe imibuzo emiBINI, OMDE NOMBUZO OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo wesi-7 ukuya kumbuzo we-10.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

QAPHELA: Ukuba umlingwa ukhethe umbuzo OMDE kwinoveli ayifundisiweyo; kunyanzelekile ukuba akhethe umbuzo omfutshane KWICANDELO C (kwidrama).
Ukuba ukhethe umbuzo omfutshane KWICANDELO B (kwinoveli) kunyanzelekile ukuba akhethe umbuzo OMDE KWICANDELO C (kwidrama).

Ubude bombuzo OMDE buphakathi kwama-340 nama-390 amagama.

UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo engezantsi.

Dandalazisa impixano yangaphakathi ekuThole kule ncwadi. Bhala phantsi kwezi ngongoma zilandelayo:

- Inkcazo yempixano neendidi zayo.
- Impixano yangaphakathi kuThole.

[25]

OKANYE

UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***NYANA WAM! NYANA WAM!* – WK Tamsanqa**

Funda esi sicatshulwa silandelayo, uze uphendule imibuzo engezantsi.

Okunene into yokuqala awayenzayo akuba efikile eDikeni kukubhalela uFikizolo emxelela ukuba uhambe kakuhle kwakunye noThozama emxelela ukuba usesikolweni. Impendulo evela kuThozama yakhawuleza ukubuya ngokungathi ngumntu lo ebehleli eyibhalile incwadi, emkhuthaza ngamazwi anzulu. Yafika incwadi kaThozama ngenqwelo yomoya inesikhova esiluhlaza phakathi, iiponti ezintlanu zonke. Wayiqhuba umfo wasemaKwayini imfundo yakhe eDikeni kungekho nto imhluphayo eme kakuhle ngasemalini ezihlawulela ngokwakhe imfundo yakhe, kanti ke noFikizolo wayehlala ahlale amthumelele nokuba ziiponti ezintlanu, noThozama engayekanga ecaleni. Umfo exatyisiwe esikolweni ukusuka kumakhwenkwe esikolo ukuya kutsho ezititshaleni, kukhalwa ngegqala.

Akukho mfuneko yakuba sichaze ukuba wayeqhuba njani na ezifundweni zakhe uMangaliso, yanela nje xa ndithi kuwe yaba sesakwaBlayi, wabahlala entloko abantwana awayefunda nabo oko wathi wafika, engenele ibanga lobutitshala awathi waliphumelela emagqabini emva kweminyaka emibini. Kunyaka wesibini wenziwa umphathi wamakhwenkwe. Ngelo xesha eDikeni kwakukho into yokuba ekupheleni konyaka kukhethwe oyena mfundi uthe wazibalula ezifundweni, esimilweni nasemidlalweni anikwe imbasa kwakunye nenxaxheba yokuba afunde elinye ibanga ngaphandle kwemali. Loo nxaxheba yafunyanwa nguMangaliso, emva kweminyaka ingasafunyanwa mfundi. Wabe ke njalo umfo omkhulu ufumana icham lokungenela iMatriki ngaphandle kwemali, nayo waya kuyiqabelisa ngaphandle kwamagingxi-gingxi.

Nto singakhe siyibalule kulo mphakathi ngeli xesha lakhe apha eDikeni kukuzimisela kwakhe enkonzweni, into leyo eyabanga ukuba athandwe kakhulu ngumfundisi uShepherd owayengumongameli wesinala ngelo xesha, owathi wanikela kuye yonke into enxulumene nenkonzo. Waba ngusihlalo weS.C.A., iinkonzo zesiXhosa zasemandleni akhe; inguye owaba abafundi neetitshala emazishumayele kwiinkonzo zasemva kwemini; kwanabefundisi nabashumayeli bangaphandle bemenywa nguye; ngokunjalo nabafundi emabaphume bayokushumayela kwiilali ezirhangqe isinala babesabiwa nguye. Naye njengomshumayeli wayemana ukuya kushumayela ezilalini, esaziwa kangako kwezo lali zaseMxhelo noomaGaga ngeentshumayelo zakhe ezimnandi, bephuma bonke abantu ukuya ecaweni xa kuza kushumayela yena; umfo enezimbo zokushumayela ngathi ngumshumayeli omdala, engenantloni akukhwela eqongeni, iintshumayelo zakhe zithanda ukukhatshwa ngamabali. Babesitsho bonke abakhe bamva eshumayela bathi, "Lo ukhe wantlithwa lilizwe, ukhe wawabona amaboninge".

Ngexesha lokufunda kwakhe eDikeni kwabakho into esisimanga eyayingaqhelekanga kwiminyaka engaphambili, ukugqobhoka kwabafundi. Watsho kwanzima uMkwayi omkhulu, zachitheka izindlu zabafana, abanye abamthanda kakhulu. Uyalwazi ke nawe usapho lwasetyhini ukukhawuleza kwalo ukungenwa ngumoya, lukwanjalo nokukhawuleza kwalo ukuwa. Abanye babafundi ababeseDikeni ngaloo minyaka namhlanje ngabefundisi bakwaLizwi nabashumayeli abakhulu, oko balibamba ngelo xesha eli vangeli abazange babuye balilahle. Abanye babuya bawa, ndithetha nawe nje yimirhangqolo yokuqala neyokugqibela. Uyamazi ke nawe umntu okhe walibamba wabuya waliyeka iLizwi, usuke athi ukusibuyela kwakhe isono anga usibuza umlandu.

Kuzo zonke iintshumayelo zakhe elapho eDikeni unantshumayelo wayegqiba ngayo abantu, eyebali lenkosazana nesele, awayethi agxininise kumazwi athi, "umntu ongcolileyo undenze ndaba lisele". Eli bali elingekho Bhayibhileni, likwiincwadi zesiXhosa, ukuba andiphazami liya kuba kwincwadi yebanga lesiBini kwezikaStewart. Ebalini kuthiwa nkosazana ithile yayidlala ibhola phezu kwesiziba. Isadlala njalo suka yee dyumpu ibhola emanzini yatshona.

8.1 Ngubani lo mfo ubhalela uFikizolo noThozama? (1)

8.2 Esi sibini sibhalelwayo sidityaniswa yintoni nalowo usibhalelayo? (2)

8.3 Sesiphi isizathu sokuba ayenze ibe yeyokuqala into yokubhalela uFikizolo lowo ubhalayo?

Khetha esona sizathu kwezi zilandelayo ngokwencwadi yakho:

A UFikizolo ngumzali wakhe.
B Kukuba uFikizolo ubengayilindelanga futhi engayithembanga into yokubuyela kwakhe esikolweni, wamthembisa ke ngokumbhalela akufika esikolweni.
C Ucela imali yesikolo. (1)

8.4 Yekabani impendulo eyathi yaya kufika kuqala kulowo wayebhalile? Utsho unike nesizathu esenza ukuba ifike kuqala. (2)

8.5 Khetha eyona mpendulo ichanekileyo kwezi zilandelayo:

Iiponti ezintlanu kule mihla siphila kuyo zaziwa njengee:

A Randi ezilishumi .
B Randi ezintlanu.
C Randi ezilikhulu. (1)

8.6 Ivela phi le mali azihlawulela ngayo lo mfo koku kufunda kwakhe? Cacisa. (2)

8.7 Amazwi athi, uFikizolo **wayehlala ahlale** amthumelele imali uMangaliso asixelela ntoni ngoFikizolo? (1)

8.8 Ngokwesicatshulwa igama 'igqala' libhekiswa emntwini onjani?

Khetha kwezi mpendulo zilandelayo:

A Emntwini ofikayo endaweni, ongekabi nalwazi ngezinto zaloo ndawo.
B Emntwini onamava, ekunokufundwa izinto ezininzi kuye.
C Emntwini olixoki. (1)

8.9 Kuthethwa ukuthini xa kusithiwa, 'wabahlala entloko abantwana awayefunda nabo uMangaliso'? (2)

8.10 Khankanya izinto zibe ntathu awayezibalula kuzo umfundi ukuze afumane imbasa esikolweni. (3)

8.11 Xela imisebenzi ibe mibini esicatshulweni eyabekwa emagxeni kaMangaliso ngumfundisi uShepherd. (2)

8.12 Yintoni eyathi yenziwa zintshumayelo eyayingaqhelekanga ngexesha likaMangaliso apho eDikeni? (1)

8.13 Yeyiphi intshumayelo awayebalasele ngayo uMangaliso kwiintshumayelo zakhe ngokwesicatshulwa? (2)

8.14 Kula magama uTholelegqwirha, uZanenkanyamba noMangaliso, leliphi elona gama lingqamene nomxholo wencwadi? Xhasa impendulo yakho. (2)

WESTERN CAPE

8.15 Yintoni eyayimana imqinisa uThole kwizinto ezibuhlungu ezazimana zimehlela? (1)

8.16 Leliphi elona gama awayebizwa ngalo nguThemba noSonwabo uThole? (1)
[25]

OKANYE

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

UMBUZO 9 (UMBUZO OMDE)

Iziphumo ezihle zenkululeko ezingcanyulwe kule ncwadi akubanga lula ukufikelela kuzo. Kubekho neengxwelerha zomphefumlo, ezenyama kwanokudungadungeka kwentlalo-ntle yabantu. Ngqina oku ngokuthi uchankcathe phantsi kwezi ngongoma zilandelayo.

- Indlela eyadungadungeka ngayo intlalo yabantu.
- Iingxwelerha zomphefumlo nezenyama.
- Iziphumo ezihle zenkululeko. **[25]**

OKANYE

UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***UKHOZI OLUMAPHIKO* – N Saule**

Funda esi sicatshulwa silandelayo, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Yatyhutyha imimango imoto, yayinikela umva iNtab'okhozi, yaya kuyingenela indlela eya eNkwankca phesheya kweQanda kwelabaThembu. Wayibasela umfo omfutshane imoto yangathi kudala. Ixhala lam yayikukuba emfutshane kangakanana nje uyibona njani na indlela. Sithe xa sivelela umlambo uBonkolo, wavakalisa uNdima ukuba loo ndawo ithandwa kakhulu ngamapolisa, watsho esithi rhuthu ingcanjana emdakana kule pokotho isesiphikeni, wandinika engandijonganga.
"Hlafuna uginye, wakugqiba unxibe laa mnqwazi, uwubhenqe apha ngaphambili."
"Ndihlafune ndiginye? Uyayiva nje le nto uyithethayo?"
"Ndiyayazi. Amapolisa wona akangoCikizwa. Aya kukukhonkxa ngeentsimbi, akayi kukukhonkxa ngothando." Uthe ukuba atsho andalibazisa, tshwa ingcanjana emlonyeni ndahlafuna. Yayikrakra ukudlula ikhala. Kwavakala isithonga sokuginya ngenxa yemigudu.

Iwele nje ezibukweni imoto, yafika ngaphezu komlambo evalile amapolisa, iinqwelo zawo zixabe endleleni.
"Uyayibona ke laa nto bendiyithetha." Ndafuna ukuphuma ndibaleke.
"Ungakhe ulinge uluthuzele, hlala nje wena ungashukumi, andilingene xa engaka."
Uninzi lawo lwalungxange endleleni, ngeli xa amanye ayencathame ecaleni kwendlela kwizithuthi, ingxashiwe imipu. Imoto ivela nje sekudala kukho umkhuthuka wepolisa oyikhwebela ecaleni. Ithe ukuba imise, ndeva elinye lidanduluka.
"Yimoto etheni le ihamba ingenamqhubi. Iqhutywa nguhili?" Uthe akuphuma emotweni uNdima akuba emisile, ayithula apha intsini.

Uphinde waphumelisa kuloo ngxolo laa mfo ebebuze umbuzo.
"Hayi suka nguhili le ndoda. Khangela nobufutshane." Yaphinda yahlahlamba intsini ngeli xesha uNdima ahambisa incwadi yakhe yelayisensi. Amanye ke ngeli xesha angenelele, kubuzwa kuye ngawo onke amabali awaziwayo ngohili. Abanye bathi bebuza ngokuphuma kukahili ezingcongolweni babe abanye bebuza ngalo mcimbi kahili ubhijelwa esinqeni. Litsho elinye licengceleza isibongo sombhali owaziwayo uSEK Mqhayi ngobundladiya obungathethekiyo limjonge apha emehlweni umfo omfutshane.

Wakuphath'intonga mntakaThikoloshe!
Ubona nj'uyazondwa ezilalini;
Athi kaloku amadoda.
Wen'unento yokwenza nabafazi bawo!
Yahlokoma intsini yaya kuvakala kwisiwana esingaphesheya komlambo, sekumnandi ngoku kookhenkebe, kungenelele nabanye ngezabo izibongo ezingekho mcimbini. Ndazijonga ezi zinto ezi, ndibawela ukukhe ndizijike ndixelise uhili, ndizitywatyushe ngemvubu. Ngelo xesha uNdima akahleki nanye kwezihlekisayo. Uthe akunikwa incwadi yakhe, wangena emotweni, akuhlala wamfutshane kwangaleya ndlela yakuqala, kwahlekwa ngakumbi,vu-um wangena endleleni.

"Indlela le azizibhanxa ngayo. Woze alibale zezinye endaweni yokwenza umsebenzi wawo. Angakubamba njani emaninzi kangakaya? Nezinja xa zininzi kakade ekuzingeleni azize zibambe nto, njengezi sidlula kuzo." Ndathula cwaka, ndisabambe umoya kukothuka.

Saya kugaleleka eNkwankca esitishini nokufika kukaloliwe ovela kuGompo, wathenga itikiti uNdima selethe kum kubalulekile ukuba ndingene kuloliwe ukuphepha amehlo amaninzi. Akugqiba xa sisahlukana wathetha into eyandothusayo.
"Maze ndithini kuCikizwa?" Lo mbuzo kaNdima eneneni asikuko nokuba wandothusa, wandikhamnqisa kakhulu. Xa wayendixelela ukuba uCikizwa yintombi yenkosi, ndandisiba undilumkisa ngecebo ukuba mandingasondeli kuye. Eneneni ke nam ndingulo mthathephi, ndandiya kuthini ukuya kuzixhoma entombini yenkosi, hayi kaloku ayenzeki kuthi maXhosa loo nto, umntu omnyama akakwazi ukuzenza iphela emasini.

...

Yayingandisithelanga into yokuba olu thando yayinokuba lugwebu nje lomzuzu, iyinto eqhelekileyo ukwenzeka kubantu abatsha. Emva engqondweni yam, yayikho into eyayimana isithi, yonke le nto iza kudlula kungemzuzu, ngoku xa lo mfo umfutshane endibuza umbuzo ololuya hlobo, ndiza kuthini. Wayengandiqhuli ngalaa mbuzo, wayebuzela phezu kwento, mhlawumbi abekhe wayincokola noCikizwa lo. Khangela kwakwinto yokuba azi ukuba siza kudibana naye ecaleni kwendlela. Yafika impendulo ndingayilindelanga engqondweni indixelela ukuthi mandihambele kude kuCikizwa. Zathi khona iingcinga zakufikela kwindlela endiphoxwe ngayo nguNokuzola, andathandabuza nakancinci ukuba naye uCikizwa lo ungumgubo wengxowa enye naye.

10.1 Ngubani owayebizwa ngokuba lukhozi olumaphiko? (1)

10.2 Chonga igama lesizwe esithile esibhalwe kumhlathi 1. (1)

10.3 Ngokohlobo lwezithuthi yintoni ababehamba ngayo aba bantu kuthethwa ngabo kwesi sicatshulwa? (1)

10.4 Aba babini kuthethwa ngabo babesiya phi ngesi sithuthi? (1)

10.5 Yintoni eyavakaliswa nguNdima xa bevelela umlambo uBonkolo? (1)

10.6 Nika izinto ezimbini ezenziwa nguNdima owayeqhuba imoto. (2)

10.7 Budlelwana buni uNdima awayebunqwenela ukuba bubekho phakathi kukaMfazwe noCikizwa? (1)

10.8 Chonga igama elithetha into enye neli, 'ngabakwantsasana'. (1)

10.9 Sizathu sini esasibangela ukuba ipolisa lithethe la mazwi alandelayo, "Yimoto etheni le ihamba ingenamqhubi. Iqhutywa nguhili?" (2)

10.10 Chonga igama eliphuhlisa into yokuba uNdima wayemfutshane kakhulu kwisicatshulwa. (1)

10.11 USEK Mqhayi wazibalula ngokuba yintoni kuncwadi lwesixhosa? (1)

10.12 NgokukaNdima yintoni eyayibangela ukuba amthengele itikiti likaloliwe uMfazwe? (1)

10.13 Ingaba YINYANI okanye BUBUXOKI ukuba umntu ongengowase-bukhosini kwaXhosa akathandani okanye akayizeki intombi yenkosi ngokwesicatshulwa? (1)

10.14 Yayiyintoni eyayidibanisa uNokuzola noMfazwe? (1)

10.15 Ingaba wayethetha ukuthini uMfazwe xa esithi, uCikizwa noNokuzola bangumgubo wengxowa enye. (2)

10.16 Uthetha ukuthini uMfazwe xa esithi, uthando lwakhe noCikizwa yayinokuba ligwebu nje lomzuzu? (1)

10.17 Kwenzeka ntoni kuMfazwe akuba uNdima ebuze umbuzo othi, "Maze ndithini kuCikizwa?" xa besohlukana. (1)

10.18 Ngubani owabangela ukuba uMfazwe ohlukane noNokuzola? (1)

10.19 Kutheni uMfazwe ecingela ukuba kule ndawo wayesiya kuyo angangabuyi? (1)

10.20 UMfazwe uthi "uCikizwa undifikela ngesivuthevuthe ndisedabini". Lidabi lantoni eli wayekulo uMfazwe? (2)

10.21 Yintoni eyayibangela ukuba uMfazwe alishiye elakowabo eQaka njengoko wayehamba noNdima ngemoto? (1)

[25]

AMANQAKU ECANDELO B: 25

WESTERN CAPE

ICANDELO C: IDRAMA

IMIYALELO

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiidrama ezimbini, ukususela KUMBUZO 11 ukuya KUMBUZO 14.
- Kwidrama ngaNYE kubuzwe imibuzo emibini; omde kunye nomfutshane.
- Khetha umbuzo ube mnye kwidrama oyifundisiweyo.

KHUMBULA: Ukuba umlingwa ebekhethe umbuzo omfutshane kwiCANDELO B; UNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo omde kwiCANDELO C. Ukuba umlingwa ebekhethe umbuzo omde kwiCANDELO B; UNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo omfutshane kwiCANDELO C.

Ubude bombuzo omde buphakathi kwama-340 nama-390 amagama.

UMBUZO 11 (UMBUZO OMDE)

AMAZA – ZS Qangule

Isimo sentlalo sinefuthe kwindlela abalinganiswa ababuphila ngayo ubomi babo. Ngqina olu luvo uzixhase ngeziganeko ezikule ncwadi phantsi kwezi ngongoma zilandelayo:

- Inkcazo yesimo sentlalo.
- Ixesha oqhubeka ngalo umdlalo.
- Iindawo oqhubeka kuzo umdlalo. **[25]**

OKANYE

UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

(*Kungena uDanile uMaNdaba uNamhla noVathiswa*.)

Khulile: Bafikile ke mzi wakowethu ebesibalindele.

Danile: Ndidibene nabo endleleni.

Qebeyi: Tshotsho nifike.
Namhla Bhelekazi,
Sikubizela into eqhelekileyo.
AmaCirha anqwenela ukuvusa
Umyeni wakho ngomnye woonyana.

Namhla: Uxolo, ndiyayala loo nto.

Mphurhu: Isiko lisiko, akuthandiswa wena.

Vuyisile:	Yenza kuhle Bhele.
Sixhaxha:	Uze uthi uyikhahlela kude le nto, Ube usazi ukuba waphula isiko, Ungcungcuthekisa iminyanya; Udubaduba uxolo lwabasishiyayo.
Namhla:	Nithi mandinikezele okwesibini ngomzimba wam endodeni Nokuba uyala umphefumlo wam? Nalo inyala elivuyisa ababhubhileyo, Nango umkhuba oxolisa iminyanya!
Xolile:	*(Ebhekisa kuKhulile)* Khawunqande mkhwezeli weentlantsi eziqhuqhumbayo!
Sabatha:	Namhla mnta ...
Namhla:	Wena, tat' omncinci akunaye nomfazi. Uhamba usaneka izabatha nje! Ulifuzile kunjalonje igama lakho!
Qebeyi:	Uphambene Namhla?
Mphurhu:	Iya kuqhawukela kuwe le mvubu!
Qebeyi:	Sukulingisa. Betha! *(Baphakama bonke. Abanye bayanqanda, Abanye bayafunza. UMaDlamini uziphosa phezu kukaNamhla emkhusela. Ekugqibeleni kukho inzolo.)*
MaDlamini:	*(Esophisa)* Kujongenwe ngezikhondo zamehlo Ngenxa yakho ntomb'am Namhla.
Namhla:	*(Evutha ngumsindo, ethetha esiya emnyango)* Bekuthiwe kuqalwa ngam ukubona isiko?
MaDlamini:	Sityhale isifuba ntomb'am undigile, Ngqisha isihlangu sakho undixovule. Mazigqabhuke izidlele zakho likratshi, Kodwa uze ukhumbule oku: Ndim owakushubelisayo, ndim owakufinyisayo!

12.1 Ngubani lo mntu ufikayo ebelindelwe? (1)

12.2 Nika intsingiselo ephuhliswa leli binzana lilandelayo ngokwesicatshulwa:

'Tshotsho nifike.' (1)

WESTERN CAPE

12.3 Ingxoxo phakathi kukaNamhla noQebeyi iqale ngomoya woxolo. Xhasa olu luvo. (2)

12.4 Ucinga ukuba yintoni ebangela ukuba uQebeyi atshayelele ngala mazwi athi 'Namhla Bhelekazi'. (2)

12.5 Cacisa ngesivakalisi esinye usebenzisa awakho amazwi ngomcimbi awayebizelwe wona. (2)

12.6 Ingaba uNamhla wazamkela njani ezi ndaba wayebizelwe zona? Zixhase ngokucaphula amazwi kaNamhla kwisicatshulwa. (2)

12.7 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo.

Intetho kaMphurhu ethi, 'Isiko lisiko, akuthandiswa wena' ibonisa ukuba ungumntu:

A Ongakhathaliyo.
B Ongacengiyo onyanzelisayo.
C Onovelwano. (1)

12.8 Nika intsingiselo yeli binzana lilandelayo:

Ududubaduba uxolo lwabasishiyayo. (1)

12.9 Chonga ibinzana elibonisa ukuba uNamhla akamjongelanga ntweni uyisemncinci uSabatha. (1)

12.10 Xela isenzo esenziwe nguMaDlamini esibonakalisa uphawu lobuzalikazi kuNamhla. (2)

12.11 YINYANI okanye BUBUXOKI ukuba uNamhla wakhuliswa nguMaDlamini? Zixhase ngokucaphula apha kwisicatshulwa. (2)

12.12 Ukuziphatha kukaNamhla emzini naphakathi kwekhaya azalwa kulo, kubonisa ukuba akanantlonipho. Uziphethe njani? Xela izinto zibe mbini. (2)

12.13 Ngubani owayesele elithemba likaNamhla xa wonke umntu wayembona ephambuka ngezenzo zakhe? Xhasa impendulo yakho. (2)

12.14 Ingaba umbhali uphumelele na ukubonisa unxulumano phakathi kokulatyuza kwamaza neziganeko eziqhubeka kule ncwadi? (2)

12.15 Nika izinto ezimbini ezingazange zamonwabisa uNamhla ebomini bakhe ngokwale ncwadi. (2)
[25]

OKANYE

UMBUZO 13 (UMBUZO OMDE)

***A-a-a! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

Maqoma: Alinakuphuma kuwe ilizwi loxolo wena. Izandla zakho zixhaphe igazi. Ndilindele ukubona umqolo wakho ufulathela*. (Ebuya esima ngeenyawo)*

Ngqiyama ngeziganeko zebali ungqine ubunyani bala mazwi kaMaqoma awabhekisa kuSomerset. **[25]**

OKANYE

UMBUZO 14 (UMBUZO OMFUTSHANE)

***A-a-a! JONGUMSOBOMVU!* – BB Mkonto**

Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

Rufus: Andazi nokuba befundisi bam niza kundikholelwa na kule nto ndiza kuyithetha. Ndiyafika nindibona nje, andikayi nasemzini wam. Ndithe ngenxa yemivuyo ndaqonda ukuba mandiqale apha kuni ndize kunihlebela. Ngenene niyakwazi ukuthandaza. Ndiyabona ukuba kuza kufuneka ukuba ndibe ngathi ndithi nca apha kuni hleze kuthi kanti ubutyebi bam buya kuza ngale mithandazo yenu.

Ngcongolo: Khawude uthethe le nto ufuna ukusihlebela yona. Ndiyakwazi wena uza kusibamba ngale ntshwaqane yakho. Asinaxesha lakudlala thina kuba kuza kufuneka sivuke kwangentseni ngokuba kukude eSidutyini.

Rufus: Niya kuhamba ngokuphola ngoku kwaye nomsebenzi wenu wenziwe walula kakhulu. Kaloku laa nkosi yaphaya ibulewe nguQuka encediswa ngamajoni ethu. Inkosi ebekiweyo leliya lunga lomfo, uQuka, lowa wathi wasamkela ngobubele. *(Akhuza amadoda engaziqondanga)*

Filiphu: Kwowu! Sonakalelwa! Lifile ngoku ilizwe. Ngokwamava am awulungi umsebenzi wethu xa abantu bejamelene ngezikhondo zamehlo. Siza kulihambisa njani ke ngoku iLizwi leNkosi kuba kaloku abo bantu bebethanda laa nkosi abasayi kuyamkela enye? Luqalile ke udushe ngoku.

Kondile: Kodwa ke mna Gqirha bendiyibona ngale ndlela abona ngayo uRufus. Livulelekile ngoku eliya cala apha kuthi ukuba sihambise umsebenzi wethu ngomzimba okhululekileyo. Lithuba lethu ngenene elo ngoku.

Filiphu: Ndiyala ukuhambisana naloo mbono Mfundisi. Ukuba andiphazami ndiba nguwe ncakasana owandixelela into yokuba laa nkosi, uBawana, ngumkhwe kaMaqoma.
(Wanqwala uKondile) Ucinga ke into yokuba angacimela uMaqoma ngokungathi akwenzekanga nto kwisizalwane sakhe?
Uyaqonda nje kodwa ukuba la Bawana ubhukuqwe evela okanye esiya kulaa mtshato womkhwe wakhe? Ayithethi loo nto kuMaqoma?

Kondile:	Hambisa Gqirha! Ndiyeva, kodwa khawutyebise ngale ngongoma yokugqibela.
Filiphu:	Kaloku isendalweni kuye nakuwuphi na umntu into yokuba undwendwe lwakhe alukhusele xa lusengozini. Olu ke undwendwe lwakhe sisihlobo ebesiye kuzimasa itheko nebesimenyiwe kwaye siyinkosi ngokwaso. Oluya hlaselo lwenziwe nguQuka engeyiyo nankosi alunakungena kamnandi kuMaqoma. Ndiqinisekile nangoku ukuba usinqikele ilitye elineembovane uQuka lowa kuba umsebenzi wethu ngoku uza kusinzimela.
Rufus:	Mna gqirha andiyiboni njalo le nto. Kum lithuba lenu ukuba nihambise le Vangeli yenu. Kanti ke kubantu abafana nam, abancama imizi yabo besasaza inkcubeko nempucuko yabantu abakhanyiselweyo, yeyona nyoba ifanelekileyo le ngoku. Besendiyibonile mna laa nkosi inguQuka ukuba iyayithanda impucuko yethu, kwaye iyayinqwenela inkqubela-phambili. Ndiqinisekile nani befundisi bam niyayivuyela le nkxamleko ndiyithathayo yokuphucula abaya bantu ngeempahla endibathengisela zona. Andaneli nje kukuthengisa, ndiyabafundisa ukwenzela into yokuba ikhuba lenu lize kungena kumhlaba othambileyo.
Filiphu:	Khawuyiqiqisise le nto endiyibekayo mnumzana uRufus. Awungekhe ungene nakuyiphi na ilali ilizwe lifile. Impindezelo kaMaqoma ndiyibona ndihleli kule ndawo, kunjalo nje iza kuquka nezinye iinkosi ezalamene naye kuba ziza kungena ngokuya kumncedisa kweso sohlwayo aza kusenza.

14.1 Wayekuyiphi imo uRufus mhla wayefika kwigumbi labefundisi eNxuba? (1)

14.2 Yayibangelwa yintoni le mo uyixele KUMBUZO 1? (2)

14.3 Baziva njani abefundisi ngesenzo sikaQuka sokubulala unkosi uBawana? Xhasa impendulo yakho. (2)

14.4 Sasenziwe ngoobani? (2)

14.5 Amazwi kaFiliphu athi, "Kwowu! Sonakalelwe! Lifile ngoku ilizwe," asixelela ntoni ngoFiliphu? (2)

14.6 Ngqamanisa aba balinganiswa balandelayo nemisebenzi yabo.

MIN

ABALINGANISWA		IMISEBENZI YABO	
14.6.1	URufus	A	Ugqirha
14.6.2	UKondile	B	Umrhwebi
14.6.3	UFiliphu	C	Umfundisi

(3)

14.7 Yayingubani umkhwe kaMaqoma ngokwesicatshulwa? (1)

14.8 Uthetha ukuthini uFiliphu xa esithi,'uQuka usinqikele ilitye elinembovane' kwisicatshulwa? (1)

14.9 Sithini isizwe xa sikhahlela kuNkosi uMaqoma? (1)

14.10 Xela izinto ezimbini abacinga ukuba abefundisi bangamguqulela ngakubo ngazo uQuka? (2)

14.11 URufus uthi ubaphucula njani abantu bakaQuka? Cacisa. (2)

14.12 Yintoni eyayisoyikwa nguFiliphu enokwenziwa nguMaqoma ngenxa yesenzo sikaQuka? (2)

14.13 Yintoni eyabangela ukuba uQuka abulale unkosi uBawana? (2)

14.14 Saba yintoni isiphelo sikaQuka nabantu ababemncedisa ekubulaleni uBawana? (2)
[25]

AMANQAKU ECANDELO C: 25
AMANQAKU EWONKE: 80

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha
WESTERN CAPE